

INCWADI YEENDABA

YAMALUNGU

UHLELO LOKUQALA | FEBRUARY 2025



Lungu Elithandekayo

Wamkelekile kuhlelo lokuqala lwencwadana yethu yendaba yongo-2025! Ndiyathemba ukuba uwuqale kakuhle unyaka kwaye zonke iinjongo zakho zika-2025 zisendleleni. INgxowa-mali iqale kakuhle kakhulu, inohlaziyo olubalulekileyo kunye nenkqubela phambili esele yenziwe.

Ndiyavuya ukwabelana nawe ukuba siphumelele i-100% ye-Net Promoter Score egqibeleleyo (NPS) ukusuka kuphando lokubandakanyeka kwabachaphazelekayo ngowama-2024. Esi siphumo sibalaseleyo sibonisa intembeko oyibeka kuthi, kwaye sinombulelo ongazenzisiyo

ngenkxaso yakho osoloko usinika yona. Sisikhumbuzo esicacileyo sokuba sikulungele ukuba yiNgxowa-mali ekhethekileyo, kwaye sihlala sizibophelele ekukuboneleleni ngeyona nkonzo ibalaseleyo.

Inzuzo yeGroup Life Assurance (GLA) inyukile:

Njengoko sithe gqolo sizama ukuphucula iminikelo esininikayona, malungu ethu axabisekileyo, ndinovuyo ukunazisa ukuba iNgxowa-mali inyuse inxalenye yeNzuzo yoKufa ekwi-inshurensi ukusuka kuMvuzo woNyaka ophindaphindwe ka-3 ukuya kutsho kuMvuzo woNyaka ophindaphindwe ka-4 ; kwaye ukunyuka kuya kuphunyezwa ngokusemthethweni ukusuka ngomhla woku-1 kweyoKwindla ngowama-2025. Oku kuthetha ukuba abo ubathandayo bayakunikwa inkxaso yezemali eyandisiweyo xa kubaluleke kakhulu. Ungafumana iinkcukacha ezithe vetshe ngolu tshintsho kwinqaku elizakubhalwa kamva kwincwadana yeendaba.

Inkqubo yokuBanga ye-Two-Pot:

Ngowama-2024, sanazisa kwaye sanxibelelana ngenkqubo yokufaka ibango kwi-intanethi ye-Candelo lee-Two-Pot- yeSahlulo solondozomali Kwangaxeshanye, sasinabacebisi abakhoyo emigodini ukuba basancedise kwinkqubo yokufaka amabango.

INgxowa-mali iphumeze iNkqubo yee-Two-Pot yoMhlalaphantsi ngaphandle kweendleko ezongezelelweyo kumalungu. INgxowa-mali ithwale zonke iindleko zomiliselu.

Njengenxalenye yenkqubo eqhubekayo yokuphonononga nokugcina iindleko ziphantsi kangangoko kunokwenzeka kumalungu, iNgxowa-mali inqwenela ukwazisa ukuba ukususela NgoJanuwari 31 2025, abacebisi bee-Two-Pot abasayi kufumaneka emigodini.

Ukusukela nge-1 Matshi 2025, onke amabango ee-Two Pot kufuneka angeniswe ngale ndlela:



Inkqubo yokwenza ibango kwi-intanethi:

Siyavuya ukubona inani lamalungu aqalisa ukusebenzisa inkqubo yokufaka ibango kwi-intanethi landile, kwaye siyakukhuthaza ukuba uqhubeke usebenzisa eli qonga ukuya phambili.



Amaziko ethu e-Walk-in kunye nabaCebisi ngeNkonzo eSekwe kuMqeshi:

Kumalungu akhetha unxibelelwano oluthe kratya lobuqu, amaZiko ethu e-Walk-In kunye nabacebisi bee-Employer-Based Service baya kuhlala befumaneka ukuze bancede.



Isixhobo esiqhagamshelwe kuWhatsApp:

INgxowa-mali ikwaphuhlisa inkqubo yokufaka ibango lee-Two-Pot eziqhagamshelwe kuWhatsApp kwaye kulindeleke ukuba yaziswe ekuqaleni kuka-2025. Abachaphazelekayo baya kucetyiswa.

Kule ncwadana yeendaba, uya kufumana ulwazi oluxabisekileyo ukunceda ukwenza unyaka ka-2025 nge-MWPF ube ngunyaka omnandi. Njengesiqhelo, enkosi ngokusithemba rhoqo kunye nenkxaso yakho.

Ozithobileyo

Frans Phakgadi

IGosa eliLawulayo eliyiNtloko le-MWPF



Umvuzo wo Nyaka we-Group Life Cover (GLA) unyuswa ngokuba uphindaphindwe ka-4




Kwi-MWPF, sizimisele ukubonelela ngokhuseleko lwezemali kumalungu ethu kunye nabo babathandayo. Sinochulumanco ukwazisa ukuba inxalenye yesiqinisekiso sobomi beqela elifakwe kwi-inshorensi yoNcedo lokuFa iyenyuka ukusuka kuMvuzo woNyaka ophindaphindwe ka-3 unyuselwa kuMvuzo woNyaka ophindaphindwe ka-4 welungu kwaye unyuso luya kuphunyezwa ngokusesikweni ukususela nge-1 Matshi 2025 ukunika inkxaso enkulu ngakumbi kubaxhamli bakho.

Ngaphambili, xa ilungu lisifa, iMWPF ibihlawula iFund Credit ephindaphindwe ka-3 kuMvuzo woNyaka welungu. Ngoku siye sayiphucula le nzuzo kwiFund Credit ephindaphindwe ka-4 kuMvuzo woNyaka, siqinisekisa ukuba kukho intlawulo eninzi yosapho lwakho ngamaxesha obunzima.

Ukulahlekelwa ngumntu omthandayo akukaze kube lula, kwaye into yokugqibela usapho ekufuneka ingazikhathazi ngayo luxinzelelo lwemali. Ngokunyuka, iNgxowa-mali yomeleza ukuzinikela kwayo ekukhuseleni abo ubakhathalele kakhulu. Intlawulo eyongezelelweyo inokunceda ukunika uzinzo lwezezimali, kwaye ukhusele ikamva elingcono kwabo baxhomekeke kuwe. INgxowa-mali ikwahlawula iNzuzo yokuNgcwaba ye-R80 000.

Ifomu yoNyulo kunye noHlaziyo lweNkcukacha zoQhagamshelwano


Ukuqinisekisa ukuba iinzuzo zakho ziya kubaxhamli abafanelekileyo, kubalulekile ukugcina iirekhodi zakho zihlaziywa nge-MWPF. Nantsi indlela onokululawula ngazo iinzuzo zakho:



Gcwalisa kwaye uhlaziye iFomu yakho yoNyulo

Ifomu yakho yokutyumba isixelela ukuba ngubani ofanele ukufumana iinzuzo zakho xa uthe wasweleka. Ngaphandle kolu xwebhu, ukusasaza imali yakho kunokuthatha ixesha elide kwaye kunokudala iingxaki.

Ukuba awukhange uyigcwalise okanye uyihlaziye ifomu yakho yokutyumba kutshanje, sikukhuthaza ukuba wenjenjalo ngokukhawuleza.




Lungisa iiNkcukacha zakho zoQhagamshelwano

Ngaba uyitshintshile inombolo yakho yefowuni, i-imeyile, okanye idilesi? Ukuba kunjalo, nceda uhlaziye iinkcukacha zakho nge-MWPF. Oku kuqinisekisa ukuba sikufumane okanye sifumane abaxhamli bakho xa kubaluleke kakhulu.

Ukuba unayo nayiphi na imibuzo malunga nokunyuswa kweNzuzo lokuFa, ukuhlaziya ifomu yakho yokutyumba, okanye ukutshintsha iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano, sikulungele ukukunceda.

iNkqubo yoMhlalaphantsi ye-Two-Pot: Yintoni elandelayo?



Iinkqubo yoMhlalaphantsi yee-Two Pot inike amalungu ukuba abe abenokukhululeka okuthile wokufikelela kwinxalenye yemali eyongileyo yomhlalaphantsi ngelixa esasebenza. Ukuba usandula ukurhoxa kwiSahlulo solondozomali yakho, usenokuba uyazibuza ukuba kuzakulandela ntoni. Ukuqonda ukuba ugcino lwakho olushiyekileyo lucwangciswe njani kwaye lusebenza njani ukutsalwa kwemali kwixesha elizayo kubalulekile ukwenza izigqibo zemali ezinolwazi.

Indlela lusebenza ngakhona ugcino lwakho lomhlalaphantsi lwee-Two-Pot emva kokurhoxa kokuqala

Xa sele urhoxile okokuqala kwiSahlulo solondozomali, iCandelo lakho loMhlalaphantsi lihlala lingekachukunyiswa, liqinisekisa ukuba unemali ebekelwe bucala xa uthatha umhlalaphantsi. Nangona kunjalo, iSahlulo solondozomali yakho ngoku izakubonisa ibhalansi ehlileyo, kwaye nakuphi na ukutsalwa kwemali kwixesha elizayo kuya kuxhomekeka ekubeni yimalini eqokelelwe kwesi sabelo ekuhambeni kwexesha.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba rhoqo xa urhoxa kwiSahlulo solondozomali kunciphisa isixa esifumanekayo kuwe kumabango exesha elizayo. Yiyo loo nto kubalulekile ukuba ulawule ukonga kwakho ngobulumko kwaye uqinisekise ukuba urhoxela iimfuno ezibalulekileyo kuphela ngelixa ukhumbula impilo yakho yezemali yexesha elide.

Ukurhoxa kwikamva-kufuneka wazi oku

Ukurhoxa ngoNyaka (Kukanye ngoNyaka weRhafu):

- Ungarhoxa i-R2,000 ubuncinci ngonyaka werhafu.
- Okukuxhokwa kwemali kuyilelwe ukunika amalungu ithuba elongezelelekileyo kulondolozo lwawo lo gama kuqinisekiswa ukuba inxalenye ethile ihlala igcinelwe umhlalaphantsi.


Ngalo lonke ixesha urhoxa imali, kubalulekile ukuba ucinge ukuba oku kuya kuchaphazela njani ukhuseleko lwakho lwezezimali lwexesha elizayo. Nangona ukufikelela kwingxowa-mali kunokuba luncedo xa kufika ixesha lezidingo zakho, ukuba nemali eyaneleyo yokulondolozisa umhlalaphantsi kufanele kuhlale kungumba ophambili.

Ukufaka ibango lemali oyongileyo kwi-Intanethi-Inkqubo elula neKhuselekileyo




I-MWPF yenze ukuba kube lula kumalungu ukuba afake ibango leSahlulo solondozomali kwi-Intanethi. Ukuba ukulungele ukurhoxa imali, landela la manyathelo alula ukuze ufikelele kwngxowa-mali yakho ngeqonga lethu elikhuselekileyo le-intanethi.

Inyathelo 1: Bhalisa kwi-MWPF Online Portal



Inyathelo 2: Ibango elivela kwiSahlulo solondozomali



Uyalufuna Uncedo?

Ukuba unemibuzo malunga neNkqubo yee-Two Pot, udinga uncedo ngamabango akho e-intanethi, okanye ufuna ukuqinisekisa ukuba iinkcukacha zakho zihlaziyiwe, i-MWPF ilapha ukuze ikuxhase.

Kutheni Usebenzisa Iqonga le-Intanethi?

Ukusebenzisa i-intanethi ye-MWPF portal kuqinisekisa ukuba ibango lakho liqhutywa ngendlela ekhawulezayo, ekhuselekileyo, nefanelekileyo. Endaweni yokuba ulinda kwimigca emide okanye ujongane namaphepha, ungasifaka isicelo sakho ukwikhaya lakho okanye kwindawo osebenza kuyo. Inkqubo ikwakuvumela ukuba ulandelele imeko yebango lakho, ikunika uxolo lwengqondo kuyo yonke le nkqubo.

Ukwandisa iinzuzo zakho: Izibonelelo ezifumanekayo kuMalungu eNgxowa-mali



Njengalungu leNgxowa-mali, kukho iintlobo ngeentlobo zezibonelelo eziyilelwe ukukunceda ukuba ujonge kwaye wandise iinzuzo ezenzelwe wena. Ukuba ufuna uncedo ngamabango, ucwangciso lomhlalaphantsi, okanye uhlale unolwazi ngohlaziyo lweNgxowa-mali, nazi iinkonzo eziphambili onokuxhamla kuzo.

Iiseshoni Zemfundo Zamalungu

Ukunceda amalungu aqonde ngcono iinzuzo zawo, iNgxowa-mali ibonelela ngeeseshoni zokufundisa emigodini. Ezi seshoni lithuba elixabisekileyo lokuba amalungu afunde ngelungelo lawo, abuze imibuzo, kwaye aqinisekise ukuba amalungu asebenzisa iinzuzo zawo ngendlela efanelekileyo. Ukuba awuzange waya kwenye yezi seshini, hlala ujonge elandelayo kwaye uthathe ithuba lokuzibandakanya neNgxowa-mali.

Amaziko okuHambela kuNcedo lweBango

Kumalungu okanye abaxhamli babo abafuna inkxaso kwimiba enxulumene namabango, iNgxowa-mali ibonelela ngamaziko ohambo kwiindawo ezahlukeneyo, eziquka uMthatha, iRhawuti, iMozambique, iWitbank, neCarletonville. La maziko aneengcali ezinolwazi olulungele ukuncedisa kuyo nayiphi na imibuzo yamabango okanye ukunceda ukusombulula imiba.

Ukuba ujongene nayo nayiphi na imingeni ngamabango, ungalibazisi ukutyelela elinye lala maziko ukuze ufumane uncedo oluzakunceda wena buqu.

Iingcebiso zomhlala-phantsi kumalungu aneminyaka eyi-55 nangaphezulu

Ukusondela kumhlala-phantsi kunokuba yinkqubo enzima, kodwa iNgxowa-mali ilapha ukuze ikhokele amalungu aneminyaka engama-55 nangaphezulu. Iiseshoni zokucebisa umntu ngamnye kumhlalaphantsi ziyafumaneka ukukunceda ukuba uqonde ukhetho lwakho kwaye wenze izigqibo ezinolwazi malunga nomhlalaphantsi wakho. Enobaukhetha ukudibana ngokobuqu okanye uthethe ngefowuni, ezi seshoni zibonelela ngeengcebiso ezilungiselelwe ukukunceda ucwangcisele inqanaba elilandelayo lobomi bakho. Ukubhukisha iseshoni, vele uqhagamshelane nommeli wakho wakwaHR, oya kukunceda ekucwangciseni idinga lakho neNgxowa-mali.

Isango leeNzuzo Ezingekabangwa

Ukuba ubukhe wayishiya iNgxowa-mali ngaphandle kokuba wenze ibango okanye ungumxhamli ojonge ukujonga naziphi na iinzuzo ezingabangwanga, [iNgxowa-mali ibonelela ngemiboniso yendlela yeenzuzo ezingabangwanga](#). Eli qonga likuvumela ukuba ujonge ngendlela elula ukuba kukho naziphi na iinzuzo ngenxa yakho. Yindlela ekhawulezayo nelula yokuqinisekisa ukuba ufumana iinzuzo zakho.

Hlala uQhagamshelwe: Iincwadana zeendaba kunye namajelo endab yoluntu

Ukugcina amalungu anolwazi oluthe vetshe, iNgxowa-mali ikhupha incwadana yeenda-


ba yekota equka uhlaziyo olubalulekileyo, izibhengezo kunye neenkukacha malunga neenkonziso ezikhoyo. Ukongeza, ukufumana uhlaziyo olukhawulezileyo, unokulandela iNgxowa-mali kumaqonga eendaba ezintlo anje ngoFacebook, Instagram, kunye noWhatsApp. Ezi jelo zibonelela ngeendaba kwangexesha, iingcebiso, kunye nezikhumbuzo zokukunceda uhlale unolwazi ngayo yonke imiba enxulumene neNgxowa-mali.

Ukuqhagamshelana neNgxowa-mali

Ukuba unemibuzo ngokubanzi okanye ufuna uncedo olongezelelekileyo, iziko lo-




qhagamshelwano leNgxowa-mali liyafumaneka ukuze likuncede. Ungafowunela iziko loqhagamshelwano kule nombolo **010 100 3000** okanye uthumele i-imeyile **kwi-clientservices@mineworkers.co.za**. Iqela lethu lizimisele ukubonelela ngenkxaso ecacileyo nokuphendula nayiphi na imibuzo onokuba nayo lonke ixesha.

Ngokusebenzisa ezi zibonelelo, unokuqinisekisa ukuba ufumana inkxaso oyifunayo kuwo onke amanqanaba. Hlala unolwazi, hlala unxibelelene, kwaye ungalibazisi ukufikelela kwiNgxowa-mali ngalo lonke ixesha ufuna uncedo.



SILANDELE KUMAJELO ETHU OKUNCOKOLA

Ukuze ufumane inkcazelo eqhelekileyo ngemiba enento yokwenza neNgxowa-mali, silandele kumajelo ethu okuncokola adweliswe ngezantsi.

-  Facebook: @mineworkspf
-  Instagram: @mineworkers_pf
-  WhatsApp: 071 887 6515

Ukungabinalo ibango: Iinkukacha ekunikezelwe ngazo kule ncwadi yeendaba zamalungu zikhuselwe yimithetho yobuchule bengqondo yomntu kwaye ayinakukotshwa, isasazwe okanye iguqulwe ngenjongo yokuthengisa. Ngelixa zonke iinzame zenziwe ukuqinisekisa ukuba iinkukacha eziqukathwe apha zezangoku, zinobulungisa kwaye zichanekile, oku akunakuqinisekiswa. Ukusetyenziswa kwezi nkcukacha lilo naliphi na iqela lesithathu kuya kuba ngokokubona kweqela lesithathu kwaye kokwesimo sokwenyani kuphela. Nceda uqaphele ukuba umxholo wencwadi yeendaba zamalungu ungqubana neMithetho-siseko yeNgxowa-mali, Imithetho-siseko iya kuphumelela. I-MWPF ayamkeli naluphi na uxanduva ngenxa yayo nayiphi na ilahleko, ukonakala, iindleko kunye nenkcitho, ezinokuthi zigcineke okanye zenzeke ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yaso nasiphi na isiphoso okanye ukushiywa okuqulethwe apha.